



" , (JSTATTATE OFUSTIOJST.)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, SEPTEMBER 11, 1890.

[No. 304

fXABISO 3d.1

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, SEPTEMBER 11, 1890.

[No. 304

\\NG WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

IXESHA LO MCHEBOI

* * * * *

Beauchamp, BooMo.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye. Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye. Ibhathi zamadoda 5/, 6/9 inye. Ibhathi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye. Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye. Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2; umnye. Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye. " , ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15², 18/, 20/ inye- Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7/d., 9d. iyadi. I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi. Ikeleko 2/d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi.

Hokwe Zokutshata, Iminqwazi Yoku-tshata, YONKE Impahla Yoku- tshata. y

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

KOKSTAD ADVERTISEMENTS.

V. DOLD AND CO., ZE KOZKST^ID,

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo kawuye kuvela kwf

V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuble

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

BOKT MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu].

ZE-G-K/AHAB'S TOT^15T.

Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2ld- yd.

Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4%d. yd.

Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4^d., ne 6d. yd.

Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye. /blanket zoboya ziqala 51- inye.

Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, y

Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye. IBHATHYI ZE KODI, ziqala 10s. inye. IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. lid. inye. IBHATHYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye. ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s. IHEMPE, Is. inye.

kutenga apa ngokivalatiswa yi " " maze akuxele oko. Ckub utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (^), uyakubuye ayinikwe ishelef ngeponti nganye.

JOHN? W. BAYES & CO.

Kwi Kwa je Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWIT.

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

DYER-DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa yinto eninzi yempahla ukongezelela kwebihleli iko.

ZESK-A. GRAY
Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NT

HOREHOUND;

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLLO INGQELE, nazo zonke Izikhulane zo MQALA ne MIPUNGA.

i/6 NGETHOTILE.
21- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

ABATSHATILEYO.

SEPTEMBER-LIBERTY. — Kai.bati.we e Tinara nge 27th August, 1890 ngu Rev. W. B. Rayner n Rev. M. SEPTEMBER wage Colesberg no Miss L. A. LIBERTY wase Tinara. 2il9

GONTSHI.GIDO.—Kutshatiswe e Gou. wa (Butterworth) ngu Rev. W. J. Hacker encediswa ngu Rev. J. R. Saunders, nge Thursday, 28 August, 1890, u ANDREW GONTSHI wase Sixonxweni, e Ngqamakwe, no ELIZA intombi enkulu ka GIDO wase Seymour (e-Mpofu).

ABAZELWEYO.

MACEMBE. — Inkosikazi ka ROBERT] MACEMBE e Port Elizabeth ibeleke 3il89 n Unyana ngo 20 August, 1890.

MAYISELA.—E Dulcies Nek, Herschel, ngo 15 August, 1890, u Mrs. TIMOTHY K. MAYISELA ubeleke UNYANA. 3il19

IMIBIKO.

SIHAWU.—Kubhubhe e Sheshegu nge 19th August, 1890, u ANNIE SIHAWU Inkosikazi etandekayo ka Dubula Sihawu, Intombi epakati ka Africa Mbere, emva kokugula okufutshane kwentsuku ezinta. ndatu yifiva. Izihlobo mazamkele lombiko. Ushiye nsana luntsuku ntandatu lubelekiwe. 3il19

HL ATL.—Ngomhla wesi 2 ku September, 1890, ngolwesi-Bini, ukutshona kwe langa, kubhubhe u Louis MONAKALI um. ntwana ka Charles no Georgina Hlati base Komani. Ubndala, unyaka 1, onenyanga 7j. Umbulelo kwizihlobo ezisiveleleyo elusi. zini Iwetu.

KHOTE.—Kubhubhe e Rini ngomhla we 4 September, 1890, u WILLIAM TURPIN KHOTE obeyitiliki kwi office ye Mantiy. Izihlobo mazamkele lombiko.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhosehi, Embo, e Natala nase Da- yimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impa. to efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene, ROBERT XHOLLA, Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

Ikaya Labantsundu.

UKUTYA! UKUTYA!!

Ndinawo Umbona na Mazimba, Imbewu Yengqolowa ne Tapile, ngamanani ALULA konke-na.

PAUL XINIWE,
General Agent.
King Williamstown,
13th August, 1890. stZ111

ISAZISO.

UKUBA Inqwelo ka MNONONO wesika Xegwana e Qitsi, kumandla wase Ngcobo, eyayize kukandwa, esekukudala igqi- tyiwe, ayikululwanga ibhatatalelive ngu mminiyo kwisituba esipakati kwe VEKI EZINTANDATU kususela ku 9th AUGUST ozayo, iya kutengiswa ihlaule indleko zonke.
Witness: A. GONTSHI,

INGUBO EZINTSHA,

ZABANTSUNDU KANYE,

(Ngo Stemele bonke).

QONDANI:—Tiitshipu Ngakumbi

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi Is. Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi Is. 3d. Isuti zezitofu ezinzinza ziqalela kwi 17s. 6d. Ibhathi zezitofu ezinzinza ziqalela kwi 9s.

Ibhulukwe zezitofu ezinzinza ziqalela kwi Is. londulubhatyi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d.

Ezamadoda Ibhathi Zokwaleka Ezinzinza 8/-.

„ I-Bhulukwe „ 2/-.
„ I-Bhathi „ 2/- and 3/6,

Isuti, Ibhathi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.

Isuti Zokutshata zipelele 38/6.

Iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhathi Ezinkulu, Amaqhina, Izikafu, Ika- lala, Iblankete Nezibhalala, ujalo- njalo.

londulubhatyi zezitofu 1/6. Idyasi zemvula 8/6.

Ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA,

UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPI- LE, Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni TUMELA okanye UYE

GILBERT FOX AND SOH,
MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

Kutengiswa Ngemvumelano.

┆ FAM engu No. 1, e Kei Mouth, 2,000 Acres.

Kanjalo i Fam engu No. 2, e Kei Mouth, 1,500 Acres, imelene nengu No. 1. Ezi Fam kutiwa zezona zizilungeleyo inkomo kulo lonke i Pesheya kwe Nciba. Zinamahlali namanzi ngokwaneleyo. Kananjalo kuya kutengiswa Ibhokuva ezimbini ezintsha ezenziwe ngemiti eyomileyo yodwa.

Bhalela ku GEO. TROW, Teko Springs, kumandla wakwa Centane, Transkei. 3ii 89

GIBBERD & BRYANT.

BADWELISE

IMPAHLA ENTSHA!

IPRINTI EZINTSHA

IZITOFU ZELOKWE EZITSHA.

ITYALI! ITYALI!!

EZE 4/- ITYALI EZE 4'

EZONA ZILUNGILEYO E QONCE.

ETYALI ZE KESHEMIYA, Amabalana onke
IZIHLANGU NE SHUZI EZINTSHA.
INGUBO EZINTSHA.

GIBBERD & BRYANT

E QONCE

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange-
lise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nsknxaxazo. 1/6 ibotile.
Elika
COOK Iyeza Lokukohlela
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d.
ibotile.

COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

COOK Ipils-
1/ ngebokisana.

COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d ngebotile.

COOK Umgutyana Wamchlo.
6d ngesiqunyana.

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

**G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.**

uba ngawenkoblo angenalo igama lake

IWU!! ZIMKILE!

NGOWAMA 29th August, 1890, kubiwe e
Mkonoto, kufupi ne Qora kwa Gealeka
AMAHASHE AMANE,—amahashe oluhlubo

1. Yinkunzi efosi, ene Kolo enkulu,
mewe omhlope ozekuma ngempumlo, inqina
langemva lasekunene limhlope, itshoba
linquyulwe—ubudala yiminyaka emitatu.

2. Imazi egwangqakazi enomthsho
kwi nyonga yo kunene ongu C.L.

3. Imazi efosikazi, enomthsho kwi nyonga
yokunene. Inekolwana ebonzi.

4. Inenkonyana engwenubuvivane.
Bloemfontein ixeha lawo lipelile. U
Rulumeni ngenxa yengxelo entle ayifu
meneyo ngawo — uwabbasele ngokuwago-
dusa ngololiwe—into engekoyi kololiwe.

Transkeian Teachers' Association.

OLUMANYANO luya kuhlangu nge
29th uange 30th of SEPTEMBER e
Tsomo Post, enzini ka Mr. J. Ntozini; luya
kungena ngo 4 p. m. Zonke i teachers ze
Fingoland, Gealekaland and Tembuland
ziyafuneka zika lomini ngenxa yomcimbi
omkulu ozanywayo lolu Manyano—i
Compulsory Education, I Committee
yalomcimbi ngati seyi qube kamandi, kuko
itemba.

P. 8. LUSASENI, Secretary.
Ndakana, Toleni, 8th September, 1890.

2189

IZISULU, IZISULU,

BEET BROTHERS,

Abamise iveukile kwelo bala lino "KATA"
esazulwini se Qonce.

IMPAHLA yabo INTLE INTSHA.
Isali, ilokwe, ikeleko, Impahla yonke
yase zinqweleni.

Amakuba eponti eneshumi linesibhozo ;
Impahla engonxoxesha iko nayo.

IZISULU, IZISULU, IZISULU._st
1112

IVENKILE YASE BAN-
NKIES, e Glen Grey, inayo
ngoku yonke into eti ifunwe
ngabatenga kuyo abantsundu.

Irola awona maxabiso
apakamileyo ngento eziveliswa
lilizwe—UKUTYA, UBOYA,
IZIKUMBA.

B. HARTLEY.

4210

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, SEPT. 11, 1890.

UGUQULO LWE ZIBHALO.

SEKUZIVEKI ezimbalwa ba-
hlukene namhla abulungisi benteto
ye Zibhalo Ezingewe ngeteto ye si-
Xhosa. Uguqulo olutsha lwe Bhaibhile
luya lungiswa; kwakubon'ukuba kube
kute kwashicilelwa incwadi ezimbalwa
zalo abanazo abambalwa.
Kwaye .kwenjiwanjalo kube
kusenzelwa cuba 'ke lubuye lukidwe,
lukewe amadlala ngapambi kokuba
ubanjiswe ngokubanzi pakati komzi.
Bafanelwe ngum'bulelo womzi
abaguquli kuba bewunike Izibhalo
ngenteto evakalayo. Ixesha eli lonke
kute kuquywa ngo- guqulo luka Rev.
JOHN W. APPLE- YARD, obesakuba se
Mkangiso, lwaye ologuqulo luwukonze
ixesha elikwiminyaka esemasbumini
ama- hlanu namatandatu umzi. Waye-
fanelwe ngamagama okumdumisa
emfundo u Mr. APPEYARD ngenxa
yomsebenzi wake omkulu. Kodwa
akalibalekile, engasoze alityalwe,
ngabenteto yetu ngoko wasenzela kona.
Njenge misebenzi yonke yonyana
babantu pantsi kwelanga, uguqulo
lwake alubanga lolufezekileyo,
kwabonakala lunendawo
emazilungiswe ukuze lube lolwane-
lisayo. Kute ke kwadalwa Ikomiti ya
Baguquli ukuba igudise olo lokuqala.
Iminyaka mibini iwugqibile
umsebenzi, yaye isisiqamlo semigudu
ye Komiti leyo esi namhla sisinike
uguqulo olutsha. Nalo ke olu lutsha
lunendawo ezifanele kuvelelwa ukuze
lube loluwanlisayo umzi. Aasingeteli
luto ngezipozo zokubhalwa
kwamagama atile, kuba nabanina
umlungiseleli wabashicileli othpelo
abukali wobehle ayilungise lonto,
kodwa kuko isiroro ngamazwi atile esi-
Xhosa abati abaninzi angakapukapu
entetweni ye si-Xhosa ukuba
angeniswe e Bhaibhileni. Lamazwi
angabehle alatwe ukuba
bekunokuvunyelwa ukuba kumiswe
ikomiti yamadoda ambalwa
angantsundu ukuba ihlale pezu kwe
Bhaibhile ize ihambe isenza amanqaku
inika icebo ngale nteto ililisayo
kubalesi be Zibhalo ngesi Xhosa.
Abangati amacebo abo abekwe pambi
kwe Bhodi le ibe ipete lomsebenzi
kade, ize yona ibone engakwenzayo
mayelana namacebo lawo angati
abhekiswe kuyo. Kude kwatya ukuba
ngoku kukwako kwi Komiti leyo indala
yabaguquli amadodana amabini ebala
leta—u Rev. W. PHILIP no Rev. W.
RUBUSANA—oya kujonga kuwo umzi
wakowawo ukuba azipuhlise
egquleni labaguquli indawo olila
ngazo umzi kuba bentonye nawo bona,
baye bezazi kanjalo into ekulilwa
ngazo.

Iveki.

INKULU M'BUSO yamkelwe ngemigcobo
ukafika kwayo e Kimberley, ngo Mgqibelo
ongapaya, wahlangatyezwa e steshoni
ngumkosi wamavalanti awate enza isitonga.
Kwaye kukwako nezihandiba zakona. Uba-
liawe ngesidlo a Mr. Rhodes ngokuhlwa
kolwesi-Ne lwegqitileyo.

NGONXILO lom'bhexeshi weposi yase
Salem, ngenye imini kubaleke amahashe ayi
itivitivi ikafi akabon' ukuba amhlanzele paya
umqubi.

UMZANA oyi Tokay, e Hungary, utsha-
tyalaliswe ngumilo ngeziveki zigqitileyo.
Abantu abakumawaka amatandatu bafumene
inxwaleko yokungabi namakaya, akudla
intsuku ezitile.

E DURBAN, Natal, kukelwa ezenetevu efike
yati kuzakugqita i treni yazandlala pezu
kwemigaqo inyawo, ete ke yanatyelwa yafa.

I-GROOM ka Mr. Donell e Bhai ikatwe
lilhashe ngolwesi-Bini lwegqitileyo yafa.

UMTETELI FANDESI u Mr. Herbert
Howard wase Qonce, ufamene lamanani
ngeviki egqitileyo :—Inkabi 4 zokuxhela
ezityebileyo E9 inye ; Imazi 2, E4 5s inye.
Impahla etyebileyo yokuxhela iyafunwa.

IZULU lidlale ngmhlwa we Cawa egqitileyo
kwesika Masingata ngase Qonce apa, .
kumadodana amabini xa asengayo. Aliwe-
nzanga nto, lisuke lawatula iminqwazi
lawashiya ezindongela.

IsiqINGATA somzi oyi Salonika sitshe
ngeviki egqitileyo, abantu abakumawaka
alibumi limabini bangapandle kwezi. ndlu.

I-JUBILEE SINGERS ziyakuvuma e Tinara
ngo 11 no 12 September, zakukov' ukwe.
njenjalo zisinge e Rafu. Sezilungiselelwa e
Rini.

U REV. HENRY KAYSER obese Hankey,
ufudukela e Alice apo ayakuhlala kona kodwa
apate ibandla ebilisakuba leloyise u
Gqadushe, elise Knappshope e Xesi.

AMAGCINA abesebenza kuloliwe oya e
Bloemfontein ixeha lawo lipelile. U
Rulumeni ngenxa yengxelo entle ayifu
meneyo ngawo — uwabbasele ngokuwago-
dusa ngololiwe—into engekoyi kololiwe.

U BISHOP wase Rini usabambeke okwa
ngoku Amabandla apantsi kwake angasi
Tinara.

KUKO umfo omnyama wase Natal ola
blekwe bubom bake kwi atishi sane Cat-
Ridge, ngokuti ebetenga iziqamko kum Yindiya
esetrenini ati xa arola imali espajini suke
ihambe itreni, um Yindiya ashe xwila isipaji.
Ite indoda ayadenda noko ihambayo itreni
yasilantsha pantsi yatyu
I mka intloko ; ayipilanga.

UMONGAMELI we Bandla le Wesile, u Rev.
S. Evans Rowe, usabambeke izikolo ezi-
sheya kwe Nciba. Ubese Gcuwa ngu Sabata.
Ngati ihambo yake yotiga Komani.

IYAKUWAQALA e Qonce ngo-Mulo ozayo
(15 Sept.) umsebenzi ze ngolwesi-Hlani ibese
Monti; ejikela kwelipakati isuku e Dayimani
iyakuhlala e Hopetown ngolwesi Tatu
Iwezayo 17 Sept., ize nglwesi-Hlanu (19)
ibese Richmond.

UM'BHALELI ose Nqabara uxela ezokubi
libalele kanye apo, nokufa kuwile.

KE lana kwakona ngase Cala, nakwel'
sikulo ke kwawa umkungu abate babano
kuhlwayela abebe geleshile.

INKOSI ya Barotse pesheya kwe Zambes
icele kwi Komponi yo Mr. Rhodes elula
egamnti le Nkosazana kwela MasbonaZambesi
ne lama Ndebele ukuba yamkelwe
pantt kwepiko le Komponi.

INTSHUTSHISO yama Jodi e Russia ibona
kala ukuba izala ububhovubovu Kaki
indodana ebanawe seyi jolisile ngepistol kwi
Buluneli yase Novgorod.

UMHLEKAZI i Ruluneli uHlokomisa ukub
abanyulelwe ukupata umzi wakwa Ndlovu
kazi nonyaka ngo Messrs. Jantje Hokwani
John William Sondio no Henry Kula.

DM BHALELI ose Ngqushwa wepepa ise Bhai,
ebalisa okwenzekileyo kumzadawo nabo wase
Peddie ngalonyaka, uti pandle lomzi wetu
silongezelele. akade longezelelewe
ngokutabata kumhlaba wabamnyama. Kuya
kupela pina komhlaba wabantsundu? Igati
lixesha elipakamileyo kunqunyanisiwe.

IRULUNELI induluka ngo 29 September kusinga
kwelama Betswana nelingaya, yaye
kumapakati ayo iya kupeleni ku Hon. Cecil
Rhodes ekuvakala ukuba boba nyanga mbindi
bengeko ekasa. ngeloxesha umzi uvakusala
ekongameleni kuka Hon. J. W. Sauer,
Ngelituba lomnumzana akasakubehle tike
kweli njengokuba beke kwavakala ' kuba uya
kujikela no Hon. H. P. Sauer Umpatiswa-
Bantsundu esingakowayo ukuba angeza yedwa
kuba engazi bani, waye engaziwa bam kanjalo.
beya kuba uhamba nomfo ekubekwe ntonga
kuye kulombuso ngokowetui ' imzi ukuba
ubebamba no Mr. Sauer lomnumzana uyacala
ukuqondwa nangamawabo ama Bhulu ukuba
ungamfonela inene yodwa ongabhukuqwayo
mbuhlanga.

U MR. J. FESTIRE SOGA, oligqira lakomkulu
elincedisayo lempahla, utonyelwe e Somerset
East ngu Rulumeni ukuya aye kunika imfundo
konyana bamalama abafundiswa kona entweni
zobulimi cwi Gill Koliji. Kuvulelwe amafama
dunge kwelo ukuba abhekise kuye ingenti
angangafumana ukuqonda ngoko. u Mr.
Festire Soga ngomnye konyana bomfi u Rev.
Tyo Soga. Ubugqira bempahla wabufunda e
Scotland. Ungumto oculo lisatvelwayo
ngamafama igokuti likolise ukuba loncedo,
into ibonisa ukuba mayibe yahamba kakuhle
imfundo yake. Noku kwalatela isibhalo e
Koliji ngu Rulumeni ikwa ngira lonto. Igazi
lake alimanga endleleni fokunuswa kwake
ngu Rulumeni amtsha. Si be silinde oko
kakade. Wanga ingapumelela nakulendawo
intsha anyuselwe kuyo. Uya kuvuya wonke
umzi wakowabo.

SEWUSE bushushwini ngonyulo Lwenkundla
Yengwevu umzi olunge kowa ma Bhulu ngase
Ntshonalanga. Kulomjikelo wase
Mpumalanga sekuko amanenc akankauywayo.
Ukuba yinyaniso ukuba u Mr. J. M. Peacock
uyakuma kungaba kuma indoda eya
kwamkeleka kwabamhlope nakwabantsundu
ekungatandabuzekiyo ngokungena kwayo. Ke
kwako imitsontshi yokuba u Mr. J. p. Bertram
akakuma, siyakolwa ukuba koba yilonto
nango Mr. T. Brown. Akungebe mangaliso
ukuba u Mr. Hughes no Mr. Gray babuye babe
pambi komzi. Ama Bhulu amabini u MR W.D.
Snyman (Qumra) no Mr. van Heerden (Tarka)
sebengene emdudweni e Queenstown. Amanye
amagama akankauywayo ngawo Mr. T. King
obesakuba ngumantyi e Ngqamakwe, Mr. W.
Rogers, no Mr. J. L. Bradfield (u Lenteni) wase
Dordrecht. Ukuba umzi ubuya kuqala
ubulumko ubuya kubayeka bayele bonke
ungazi pangeli de abe pambi komzi onke
amanene angenayo. Wandule ukuziyumbela
awona.

EZASE EDENDALE.

[NGUM'BHALELI]

Yaba yinto emnandi kunene wafika
umfundisi omtsha obeselekade elindelwe
ngumzi.

Kute kuba u Rev. J. A. Chalker wayesandul'
ukuma naye kwabonakala kungekaboko
ndawo yokuba ahale kuyo umfundisi ofikayo,
waka wabekwa okomzuzwana kwa Mr.
Stephen Mini igosa lesiqingata.

Ndingati lowo ngumzi wengeskwapela.
Nditsho lomzi wase Edendale wase ingxande
wonke-nje, oluka Mr. Mini Junior luzigshile
zonke, kuzo kulandele oluka Mr. E. Msimang,
wona umzi isa- mbuku sawo mhle. Ndinosisi
ukuba o Mr. Msane nabanye abake
bayakufunda bengasixelanga ukuba bavela
edolopini yabamnyama.

Into ebata ifinee bonke ubungesi kukuti
kanti bemu apa nje ababantu kakuhle nje kwe
kayapa, kanti noko bane farms ubuninzi babo.

Ezi farms zinkelwe abantu ukuba
baziqenze, nokuba bayi 30 kuve kwi 50 bati xa
baqeshayo banikwe umvalelo wokuba
zebahambe isonto (yicawa ke leyo)
Uminimhlaba umawo ukwa kurafisa ngo July,
yoni iminyaka.

Ungahle ubone kwango upambana
kwenqwelo ukuya e Mgungundlovu
(Maritzburg) ukuba lomzi babini. Wobona
ozihabile nezinye izityalo apambana iveki
zonke. Akwaba i Healdtown ingatabela icebo
elo Mhileli ilimlele ne malike, iyeke ukulimela
izisu' zodwa.

Isimo sabantu sesipambili kakulu Wati
esafika umfundisi wase Koloni wenzelwa
amadina acoceke kunene kwa Rev. P. G.
Mtembu, Messrs. Luke Kumalo, Matthew
Msane, Stephen Mini Junior, Jabez Mlife, aba
ke bakolise ngayise babafana abafunde e
Nkukwebe, bati babonisa imibulelo yabo
ngexxa yabazali abase Koloni ababepete Kuhl
abantwana babo.

Amadoda anjengo Mordecai Ndaba no Paul
Gumbi no Luke Kumalo no Stephen Mini
Junior, kwakona enze isihle ngokumpa
umfundisi ovela e Koloni ukutva okusuhlalaza.

Sati kuba safika i Institution ingekavalwa,
sayakubonela amatile-tile alomhla
wokugqibela Yeka, sati kuba sasisamdele
amadidi-didi namaphofu-phofu akwabinjalo.
Safumana kanti ukuba umzi upapile. Kwati
kwakwi Girls School ka Miss Dunn safuukuti
sitande. xa sibona o Miss Asiana Msane
ititshalakazi no Miss Michal Kumalo nabanye
bedudlala whesiduli njengokungati ngama
ngesazaua. Kwasisakula kuvumelekile ukuba
umzali otandayo amngena umntwana Ayake
ngemalana encinane. Akwaba
bendinentombazana pas-op! Imfundo yentombi
iti ga ne Standard Y., abantandayo bagqitiselwe
naku Natal Elementary Exam. Pakati
kwamapapa olowiwo kuko ne Domestic
Economy.

Sitikile kwisikula ngokuhlwa. Udodana lwase
KoTiji (ngabula bona) luyi 51. Itshala ibango
Rev. W. Baker no Mr. Sebastian Msimang
owafunda kwalapa wada wapumelela i Natal
Elementary Examination emapepa anc Euclid
Geology nezinye izifundo kuba iyaguqu-guquka
yonke iminyaka. Ibango November, kwezayo
kobako ne Latin ne French.

I-Klasi zam'dodana ziqala ngeye Natal
Elementary Exam., ziyokuti ga ngo Standard III.
Wabamhle kakulu umsebenzi wokuvulwa
kwezikula zalapa kumntu owayengumhambi
njengam.

Udodana lwazenza kakuhle izifundo zalo ezifana
neze Anivestile yase Nkukwebe oko ibisakubako.
Bafundiswa ne Logic abafana. . Kute xa besenza
impikiswano ngesi Ngesi ngslomcimbi we " good
old times are they better than the present." safana
sayana jlggamehlo. Sapantsa sati kuyiwelelanisa e
Koloni kungafundwa apa kufezwe. Umvumo
ubengonomekayo pambi ko Mr. S. Msimang,
Esentsapo isikula pantsi ko Mr. Simon Nkosi,
sabeta saqvela ngakumbi kwi dialogues.

Into entle yeyokuba bapantsa bapuma bonke
abase Edendale emetweni wabamnyama.
Ukupuma kulomteto wabamnyama kufana
nokungena evotini kwabase Koloni, kodwa wona
ugqitile kuyo kuba umntu ufungiswa ukuba
angaze alobole mhlambi angaze alobolise,
angazeki isitembu kanjalo. Enye into umntu
ongapandle komteto wabamnyama
akanakubanjwa edolopini nokuba sekusemva
kwamaxesha, kanti ongapumanga umokubanjwa.
Ongapumanga akanakuba yi Cleric, or Lawyer or
Interpreter nokuba nguupinya umsebenzi
wakomkulu. Kanti ke noko kuko amadodana
afundileyo nawafunda e Koloni angavumayo
ukupuma kumteto wabamnyama. Kanti ngabona
ngebe ngumzekelo kumaqaba.

INTLANGANISO ZOMZI.

Amadoda ase Edendale anen' mganiso
ezimnandana. Iko eyango-Mvulo ngeveki zonke
exoxa ngokulungiswa komzi ekangela
imicenesho yezityiyana zase makaya,
nokulungiswa kwendlela ezipakati komzi
nezinye izinto-yinto. Ngazwinye ifana ne Town
Council. Iko eka Nzondelelo yokwenzwa
kwemimikelo yokuhanjiswa kwe Lizwi, yona ke
ibangolwesi-Tatu iveki zonke. Sobuye sikwazise
hgezinye izinto Mhileli.

Ipalamente.

ABASEBENZI.

Lengxoxo siyibeka pambi komzi namhla.
yabako ekafeni kuka Jane, lungeka patiswa
lamanene apetyo nlaulo, kangekaziwa
nokuba kuko into elugquko lwabalutali engati
ible. Indalalwe nga

MR. FAURE ongenise icebo lokuba
imitandazo ebekwe pambi kwe Bandla ivela e
Paarl, Malmesbury, Caledon, Cape Division
ugomcimbi wabasebenzi mawunikelwe e
Komitini iwucikide, Ikomiti ibe ngamalungu
aaxenxe angala.—Umpatiswa-Mhlaba-
Nokwaka, Messrs. Innes, Beyers, Louw,
Siverwright, Marais nomdululi ngxoxo. Ute
umzi finga lomcimbi unga. cikidwa. Umcimbi
ongabasebenzi umgokulu, waye u Rulumeni
oqesha into eninzi yabasenzi, kusitwisa urola
imali engapuzulu kwerolwa ngan afama
ukugqesha abasebenzi ekutiwa ke bafike
batyume owakwa Rulumeni umsebenzi
kunokusebenzela amafama, kuba oka
Rulumeni alula baye bengabasebenzi maxesha
made.

U MR. SCHERMBRUCKER ute litapile
inene liwasondelze engxoxweni lomcimbi,
nakaba engavumelani neliti abasebenzi bakwa
Rulumeni baxhamla "elika mnebese"
kunabasebenzi basezifameni, akakanyeli
ukuba kuakuti kanti bako abapati
babasebenzi abanganyakekileyo, kodwa
amgudu ka Rulumeni uhkala angowokuba
asebenzise ngako konke anako. Unolanga-
zelelo lokunga Ikomiti ozakunikelwa kayo
lomcimbi ingati irele necebo loncedo,

U MR. INNES ute akuko matanda nge-
ndawo yokuba kuko ingakoke efanyenwe
zizitili ezalatiwayo kwelicebo. Imo yama-
fama amaninzi iyebanga ukuba angabi
nakubahlala abasebenzi nge 2s, 6d, ngemini,
ekubeni u Rulumeni anika 3s, 6d, ngemini.
Into efunekayo kokuba u Rulumeni makati xa
afana abasebenzi asinge kwelase ma-Xhoseni,
e Transkei, koma Somerset East, nezinye izitili
ezilunge kwelo. Makati ke kwenzwe inqila
efan' akati ifane nezake Dayimani abangati
bagcinakale, balungiselelwe kazo abasebenzi
ukuze kube nokafunyuawo umsebenzi
wemfanelo kubo, Ufan' akuti aqiniseke ukaba
ikomiti iya kuvelisa ukulunga okukulu.

U MR. OHLSSON ukanyene ingxokozelo
eke yako e Kapa mayelana neyule zomse-
benzi, okwesake isiqu akolwa ziyale ezimfa.
Ishane zomsebenzi. Elake elokabala abasebenzi
mabarunye kihakle boti ke basebenze
ngokutamekela, kuzo zonke indawo
kungabiko kakapisana kwendawo
zomsebenzi.

U MR. MERRIMAN ute mayelana nalo
mcimbi uyazi aka ba bam'balwa abangaba
nolawo analo. Ute katsha nje wenza amazwi
abukali okuchaaa akageniswama kwama
Tshayisa kweli lizwe, kwaye kungenxa
yencaso yake ngexesha lika Mr. Molteno awati
avalolwa ngapandle ama Tshayina oko.
Owake umcamango ngowokuba sinabo
ngokwaneleyo abamabala amtabi namnyatwa
kweli lizwe kwaye kubonakala kuye llixesha
elipakamileyo ukuba komelweze ibala
elimhlope ngangoko kunokwenzeka. Omnye:
Utini ngabasebenzi abamhlope? Ewe, katwa,
nina ngabasebenzi abamhlope. Asinako
ukubafamama abasebenzi abamhlope ngalo
lonke ixesha sikataza abelaba abantu Abam-
hlope kubonakala ukuba ke bayakatshwa
kweli ngabamnyama, nangabantu apa
abangatandekiyo nangapuzulu abantubi.
(Hear, hear.) Abasebenzi abamhlope aban-
oncedo abapumeleli kulungxano. Kakade
ngalo lonke ixesha kutanyelwa kweli
indimbane yama Xhosa ukaza kusebenza
kwimisebenzi yakomkulu, abasebenzi baya
kuhlala bengadulile, kodwa bagxota abasa-
hlope, kuba isibini sama Xhosa esize kweli
lilunge e Kapa esite sahlala apa sagxota umntu
omnye omhlope. Uyazi ukuba pantsi
kwezimeko kunzima ukuba umnini.

msebenzi aputume abasebenzi abamhlope kwamanye amazwe abe nokubagcina, kuba imigudu yolohlobo idla ngokati ingangeni into kumnini msebenzi, kuba abasebenzi abamhlope babehle bafune ukuba ngobhasi kweyabo imisebenzi, kodwa masizingise. Waye u Rulumeni engeyi tabatela kuye lento kuba kulilungelo elikulu kuti ukuba lwande uhlanga olumblope. Ukuba u Rulumeni ugomsebenzi ongati ube nentlaulo eyaneleyo ngeputuma pesheya abasebenzi abamhlope. Kuko abantu abamhlope abati ngenxa yengxinano ekoyo kwizixeko ezikulu zase Yuropu, basinge amazantsi e Amerika, bafumane koba imivuzo engapantsi nakule inikwa inetevu zeli lizwe. Ukuba banokuti abo bantu bakuwagqiba amaxesha abo basebenza kwezinye indawo kweli bangongezelela amandla abamhlope kweli Akangetandi ukuba le Komiti inike icebo lokungeniswa ama Tshayina nama Yindiya, mhlambi abamnyama nabantumi kweli lizwe. (Hear, hear.)

U MR. O'REILLY ute umsebenzi omhlope akanakupila ngexesha ngokuba edyarelene nabamnyama, yaye ingayintu elungileyo ukuba nawupina u Rulumeni aputume abasebenzi abamhlope kwelase Yurope. Kwiminyaka embalwa eyagqitayo, bekungeko mntu wakala ubesebenza kwizibuko lase Kapa, ngoku kodwa kusebenza abamnyama bodwa. Ke kwatiwa kuye ngamalungu amabini angamafama banako ukubafumara abasebenzi abazi netevu ngangoko batandayo. Uthso wagqiba ngelithi nelabesebenzi ixesha lokusebenza ngemini ngeliba ziyule ezisibhobo njengaba bhalayo. Uyalixesha icebo waye etemba ukuba kolandela umfeto.

U MR. DE VOS nte lomteti wokuqigibela uthso ngengeto emnandana ngabasebenzi abamhlope, kodwa amafama axhaswa impela ngabamnyama. Oyena Ka file ungahlambululileyo unonedo kubo ngepuze komsebenzi ofezekileyo omhlope. Abantu abamhlope abate bakufika kweli babano-kuginyisa amate ngabalimi abangama Jelimeni, bona ke bafike babehle babazinkosi ngokwabo — babuehiya ubucaka. Ukuba bangenie abamhlope abasebenzi komana kubako amaxesha abati bapongome bangavumi kusebenza. Amafama asebenza neyule ezilishumi nokuba zilishumi linambini ngemini, kanti ke noko apilile kakuhle. Yena unyula ukuba kungangeniswa basebenzi bamhlope kweli.

U MR. THERON ute lomcimbi uke wawuqwalasela kunene, waye ongalfumanayo iqinga engafanelwa ngum bululo. Banele abasebenzi kweli lizwe, akufuneki bavala kwamanye amazwe; kodwa abafumana kubo abasebenzi bayonakaliswa, ukuba kungena indoda emsebenzini ufike angavumi umfazi kusebenza naye bafike nabantwana bangangeni babezinyamakazi ezenza ukutanda ekaya, ezingohlwaywayo. Baqale ngokuba iziqamo, baze bakuqeshwa ukuba baluse bebe amaxhwane negusha. Akufuneki ifundisive imidaka ukuba ikwangabantu njenge nkosi zayo. Ezona zicaka zigqitiseleyo zezinenkosi ezizipata gadayo izicaka. Ukuba bayazidemeshwa ezizicaka zikoyo e Koloni bayaku. nyanzeleka ukuba bapange kwamanye amazwe.

U MR. LAING ute akavumelani nento eninzi ewe kwilungu elibekekileyo lase Namaqualand (Mr. Merriman). Xa ilungu elibekekileyo lisiti makungeniswe abamhlope bamanye amazwe ukungqiniba abantsundu liyaposisa. Kumana kusitiwa abantsundu abakuvumi ukusebenza, naxa liti ilungu elibekekileyo njengenene elibekekileyo akungebiko luncedo xa kuze abantsundu kweli, akavumelani nalo. Yena ucinga ukuba knggalunga kunene ezile Amaxhosa kweli. Ucinga ukuba ixabiso le 3s 6d., eliolwa ngu Rulumeni likulu kakulu, bebefanele ukufunyanwa ngenani elingapantsi kude kweli (Mr. SIVEWRIGHT : Akingenzeki.) Uqinisekile ukuba zizintzi indawo abangafunyanwa kubo abasebenzi kwelasema Xhoseni abangabaninzi kalishumi kunaba basebenza kuloliwe wase Simonstown. Eli asililo ilizwe lokungena abantu bamanye amazwe. Lahluke kanye kumazwe anjenge Canada ne Australia apo kuko imihlaba emikulu enokunikwa abafiki, abantu abake banokupumelela bakuza kweli ngama Jelimeni amele loqnce. Bebengepumelile kanye beke balinga ukuba bangabaleli ntweni Umxhosa kuba nguyena msebenzi weli lizwe. (Hear, hear.)

U GENERAL NIXON ute yena akavumelani nenene elibekekileyo (u Mr. Laing). Amava elungu elibekekileyo ngo Kafile ahlukele kwawake. Abamhlope befikile bangafela emsebenzini, ekubeni kungenjalo mayelana no Kafile. Basebenza xa batandayo, ngapaya kobo abangequtywe nangubani. Ama Tshayina ayinkatazo nawo ngendlela ezitile.

U MR. DOUGLASS ute angatanda ukuya ngehilungu elibekekileyo elitete ngokubu kali ukuchasa abasebenzi abantsundu ukuba laka layana e Dayimani lawabonga ama Xhosa esebenza ngokunzima nangokuba nalupina uhlanga befungasebenzayo elizweni. Olwake uluvo kukuba bangabasebenzi abafanelekileyo kanye ngalo lonke ixesha unokubenza amaqela pantsi kwabapati abamhlope. Kuyinyaniso ukuba xa bazisebenzelayo iziqu nabodwa basuka bawupate ngobuntwana umsebenzi, tayekelele, bange bayafeketa ngokwentsapo ; kodwa mabonganyelwe ngenfunelo akuko basebenzi babagqitayo. Unento aqiondileyo ezibonisa ukungalungi kokungeniswa kwa basebenzi abamhlope kweli lizwe ; kuti noko bafika bafumane ngokupindwe kahlanu kunento abebeyifumana Pesheya bangaueli noko.

U MR. DE WAAL ute unga angazi ukuba wambiwa ngobanina ulolwe usuka e De Aar oya e Gqili nase Kimberley.

U MR. LOUW ute olwake uluvo lolokuba umntu ongababonisa indlela kulo mcimbi angafanelwa ngumbulelo weli lizwe. Ngati kuye kuko into eposiackileyo kwindlu ababapete ngayo abantwana babantsundu, kwaye kuye ngati bamosha into eninzi yemali ekubafundiseni. Uke abote ititshala entsundu ihluta ifama amakwenkwana amnyama esemsebenzini iwaqubela esiku. leni, iti ke ngoko imfundo imhluwe umsebenzi. Banexabiso kubo abasebenzi abamnyama abavela kumazwe elipezulu.

U SIR T. UPINGTON ute yiminyaka emininzi bezamana nalomcimbi wabasebenzi, ngakumbi abantsundu, bamana ukuteta mgoluhlobo kutetwe ngalo namhla ngama-

